URhulumente
weNtshona Koloni
NGOWAKHO

# ISAZISO SOKUNIK' IXABISO

## ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO LIHLABA IKHWELO EKUTYUNJWENI KWAMALUNGU OLUNTU UKUZISA INKONZO KWIBHUNGA LELIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Uluntu luyamenywa ukutyumba abagqatswa abanakho ukuzisa iinkonzo kwiBhunga leLifa leMveli eNtshona Koloni kwisithuba seminyaka emithathu, ukusuka ngomhla woku1 kweyeNkanga kowama2025 ukuya kumhla wama31 kweyeDwarha ngowama2028. ILifa leMveli leNtshona Koloni ligunya lezibonelelo zelifa lephondo elinoxanduva lokuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli lephondo. Umyalelo wayo uthathwe kumthetho wemithombo yelifa lemveli yesizwe, umthetho ongunombolo 25 ka1999.

IIMFUNEKO:
Abagqatswa kufuneka:
(a) babe ngabemi boMzantsi Afrika
(b) babe ngabahlali abasisigxina baseNtshona Koloni
(c) babe nolwazi namabanga emfundo, amava okanye umdla kwizinto eziphathelele kulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli

Amava kulawulo nakulawulo loluntu nawo aya kuba luncedo.

Amalungu eBhunga aya kutyunjwa nguMphathiswa wePhondo ngokweenqobo zokugweba zokwenziwa kwezinto elubala nokumelwa kwelifa lemveli labantu baseNtshona Koloni.

Amalungu oluntu anqwenela ukutyumba abantu abafanelekileyo ukuba basebenze kwiBhunga leHWC kufuneka bagcwalise ifomu yokutyumba ekwi-intanethi ekunofikelelwa ngalophinyephinye https://forms.gle/jg39GpvTjLJVwjec8. Okanye utsalelele umnxeba uNksk Ameerah Peters ku021 483 9598 okanye uthumele imeyile kuAmeerah.Peters@westerncape.gov.za xa unemibuzo.

UMHLA WOKUVALA: 17 kweyeKhala 2025

IPOPIA exela ukuba akusekhonto ibangwayo:
Ngokomthetho woKhuseleko woLwazi lwakho loBuqu ka2013 (POPIA), sijonga ulwazi lwakho lobuqu njengoko lufuneka ukuseka nokugcina ubudlelwane beshishini kunye nesebe. Iinkcukacha zakho zobuqu zinokubhengezwa nakubanye abantu ngexesha lesiqhelo loshishino okanye njengoko kuyimfuneko ukuze kuthotyelwe umthetho. Isaziso sabucala esipheleleyo siyafumaneka https://www.westerncape.gov.za/general-publication/privacy-notice-department-cultural-affairs-and-sport-respects-and-protects-your-privacy